*Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.*

*Ndiza kukunceda*
*(I Will Help You)*
Illustrated by Olivia Villet
Written by Andrea Abbott
Designed by Fathima Kathrada
Translated by Nal'ibali
with the help of the Book Dash participants in Durban on 7 November 2015.

ISBN: 978-1-928377-43-6

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.
No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.
Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.
No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.

“Shu!”

uMama uKhwalimanzi wenzakaliswa lucingo oluhlabayo ephikweni nasemlenzeni wakhe.



i-will-help-you_interior.indd 6 2021/01/31 19:18

"Ndonzakele. Andikwazi ukugoduka ndiye ebantwaneni bam," watsho.





“Ndincedeni bantu.”



i-will-help-you_interior.indd 9 2021/01/31 19:18

"Kutheni ulila nje Mama uKhwalimanzi?"
kwabuza uLungile.



i-will-help-you_interior.indd 10 2021/01/31 19:18

"Andikwazi ukugoduka, ndiye ebantwaneni bam," watsho ngelokuphendula.



i-will-help-you_interior.indd 11 2021/01/31 19:18

"Ndiza kukunceda," watsho uLungile.

i-will-help-you_interior.indd 12 2021/01/31 19:18

Ngosuku olulandelayo, uGogo wathuma uLungile evenkileni ukuba aye kuthenga isonka.



Endleleni, wadibana nabahlobo bakhe waza waya kudlala nabo emlanjeni.



Eyish! Imali ilahlekile.



“Ungabuyeli apha ekhaya ude ube uyifumene loo mali!” wangxola watsho uGogo.



“Kutheni ulila nje Lungile?” wabuza uMama uKhwalimanzi.



“Ndilahle imali ebendiyinikwe nguGogo ukuze ndithenge isonka. Ngoku asinaso isidlo sangokuhlwa.”



"Ndiza kukunceda" watsho
uMama uKhwalimanzi.



Amehlo kaMama uKhwalimanzi abukhali azibona iingqekembe zemali zimenyezela apho emanzini.



“Enkosi, Mama uKhwalimanzi.”

